



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESIPHEZULU

IBANGA LESI 9

EYENKANGA 2016

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO IPHEPHA LESI 2

AMANQAKU: 60

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha ali -8.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamacandelo amaTHATHU

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

ICANDELO B: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

ICANDELO C: UMBONGO

2. Fundisisa YONKE imibuzo kakuhle.
3. Cinga, uqiye phambi kokuba ubhale.
4. Phendula YONKE imibuzo ngesiXhosa.
5. Sebenzisa amagama amkelekileyo olwimi xa uphendula.
6. Bhala ngokucacileyo, nangokucocekileyo.
7. Nombola imibuzo yakho kanye ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA**

Funda isicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.



INGABA UJAJI MASIPA WENZE OKULUNGILEYO?

(UShaka Sisulu ubuyela kwityala lika-Oscar Pistorius.)

Ityala lika –Oscar Pistorius lokubulala intombi yakhe uReeva Steenkamp lasishiya sinemibuzo. Sasifuna ukwazi ukuba kwenzeka ntoni kobuya busuku beValentine’s Day ka-2013 ngexesha imbaleki idubula iimbumbulu ezine ecangweni elincinci legumbi lokuhlambela ekhayeni layo eTshwane, ezashiya iqabane layo libhubhile. Mhlawumbi owona mbuzo ziziphumo zesigwebo esawiswa nguJaji Thokozile Masipa. ‘Imbaleki yeeblade’ yaphuma itshaya kwityala lokubulala, kodwa uMasipa wayifumana inetyala lokubulala ingenanjongo nokungabinankathalo ngompu. Ukucacisa, ukubulala, ngomthetho, kuxa umntu ebulala umntu ngenjongo okanye ecwangcise ukumbulala. Ukubulala ngaphandle kwenjongo kuxa ubani ebulala umntu engenazo iinjongo zokubulala, njengokutshayisa umntu ubungamboni.

Lo mahluko ngunobangela wokuba u-Oscar afumane iminyaka emihlanu endaweni yengama-25 okanye ubomi entolongweni!

Ngexesha sithe ntsho koomabonakude bethu sibukele inkundla yamatyala, umbuzo omkhulu kukuba ingaba imbaleki yayibulala na intombi yayo? Ujaji Masipa zange abe naso isiqinisekiso soko. Iingcali ezohlukeneyo zomthetho zinezimvo ezibethanayo ngokuba wagweba kakuhle ingaba imbaleki yayibulala ngenjongo na intombi yayo? Ujaji Masipa zange abe naso isiqinisekiso soko. Iingcali ezohlukeneyo zomthetho zinezimvo ezibethanayo ngokuba wagweba kakuhle okanye hayi. Lonke uphengululo lwesi sigwebo luntsokothile-aluhambi ngale nto mna nawe ebesinokuyiqikelela. Eneneni, ijaji kumele ingaqhubi ngeemvakalelo zayo kwaye ilumkele ukuva into ethethwa luluntu kuba u-Oscar ebetyatyekwe izityholo, abatshutshisi ebebekhokelwa ngu-Advocate Gerrie Nel, bekumele abonakalise ngaphandle kwamathandabuzo ukuba ngenene uOscar unetyala. Oku kuthetha ukubonisa ujaji lo nto. Kwelinye icala, amagqwetha,

akhokelwa ngu-Advocate Barry Roux, bekumele asebenze nzima ukubeka intandabuzo kubatshutshisi kwaye badunge bonke ubungqina.

Nokuba ibali lika- Oscar belingeyonyani, egameni lokuba uRoux neqela lakhe bephakamise intandabuzo kwizinto ezenzekileyo liza kube liwenzile umsebenzi walo. umbuzo:” Ingaba likhona ithuba lokuba u-Oscar wabona ukuba nguReeva osemva kocango lwegumbi lokuhlambela?” Ukuba akunjalo, ngoko akanakuba uqikelele ukuba angabulala ngokudubula nabani na owayesegumbini lokuhlambela. Iqela likaNel lazama ukubonakalisa ukuba u-Oscar wakucwangcisa ukubulala uReeva kodwa ujaji Masipa wafumanisa ukuba ubungqina obuninzi bokuxhasa oku njengengxabano kaWhatsapp (into esiyenza sonke) abubambeki. Oku akubonakalisi ukuba wayenenjongo yokubulala, kubonakalisa nje kuphela ukuba u-Oscar noReeva babenengxabano. Ngoko ukuba ebengafuni ukumbulala okanye umntu obesemva kocango, ingaba uye wayiqonda na into yokuba nabani na awayedubula kuye iimbumbulu ezine angafa? Phofu ukuqeqeshelwe ukudubula.

Amagqwetha enze umsebenzi omhle wokuveza u-Oscar njengommi weli owoyikayo owacinga ukuba kukhona umntu egumbini lokuhlambela engacingi ukuba nguReeva. Amagqwetha akwenza inkundla ikholelwe ukuba u-Oscar ubephila ubomi bokoyika kuba unina wabethelela uloyiko lolophulo mthetho kuye esemncinci. Ekugqibeleni ijaji yabuza kungenxa yoku abatshutshisi bagqibe kwelokuba babhene ngesi sigwebo ekupheleni kwalo nyaka uphelileyo, okuthetha ukuba bafuna lonke eli tyala liphengululwe. Okuhlekisayo kukuba umntu ekumele avume ukuba eli tyala liphengululwe nguMasipa ngokwakhe kodwa abatshutshisi sebetshilo ukuba bafuna uphengululo lwenziwe kwiNkundla ePhakamileyo yeZibheni, hayi nguMasipa. Amagqwetha athi aza kusiphikisa isibheni. Emva kwedrama ebisenzeka ngexesha letyala, kwaye ngaphambili kokuba sithandabuze isigwebo sikaMasipa, masingawalibali amava nezakhono zakhe.

Ngo-1998, uMasipa, owayefudula eyintatheli, waba libhinqa lesibini elityunjelwa iNkundla yamaTyala ephakamileyo emva kokusebenza phantse iminyaka eli-10. Kwaye xa ujonge amatyala akhe angaphambili, uza kubona ukuba akekho bhetyebhetye. Wakhe wagweba umdlwenguli iminyaka engama-25 eqamele ngenqindi. Kwelinye ityeli wathumela ipolisa esiseleni elabulala inkosikazi yalo ngexesha bexambulwana.

Ngoko, kwenzekani kumbhodamo wetyala lika-Oscar? Abanye abaphengululi bathi eli tyala belijolise kakhulu kwiinjongo zika-Oscar zokubulala uReeva, endaweni yokuphakamisa into yokuba u-Oscar bekumele abe wazile ukuba uza kubulala nokuba ngubani osegumbini lokuhlambela. Amasi abekw'elangeneni kule nkqubo yesibheni, abatshutshisi bathe baza kuvakalisa icala labo, elithi ekugqibeleni akuyi ngeentsiba kodwa ngobunzima bawo umqamelo.

[Sicatshulwe kwi-Bona ka-Januwari 2015.]


- 1.1 Ngubani umbulali ka Reeva Steenkamp? (1)
- 1.2 Unxulumana\ wazana njani nombulali wakhe uReeva? (1)
- 1.3 Ujaji Masipa waziwa ngamava nezakhono zakhe kumatyala agqithileyo. Dwelisa abe mabini amatyala athe wajongana nawo ngempumelelo? (2)
- 1.4 Sithini isizathu amthethelela ngaso uOscar amagqwetha akhe? (2)
- 1.5 Ingaba uyavumelana nesizathu esinikiweyo ngentla okanye hayi? (1)
- Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.6 Nika intsingiselo yeligama lingezantsi ngendlela elisetyenziswe ngayo kwisicatshulwa. (2)
- Luntsokothile (2)
- 1.7 Ingaba liqela lawuphi umntu elalimele u-Oscar kwaba balandelayo. (1)
- A Advocate Barry Roux
B Advocate Gerrie Nel
C Ujaji Masipa (1)
- 1.8 Ngokoluvo lwakho ucinga ukuba elityala ligwetywe ngendlela eyiyo? (2)
- Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.9 Kuthetha ukuthini xa kusithiwa, ' Imbaleki yeeblade ' yaphuma itshaya kwityala lokubulala? (2)
- 1.10 Bekufanele abe ugwetywe iminyaka emingaphi u-Oscar kunale ayigwetyiweyo? (1)
- 1.11 Nika igama abathe likhulu elisetyenzisiweyo, elichaza umntu ongenayo injongo yokubulala? (2)
- 1.12 Gqibezela esi siqwengana: Iliwa lalibheke _____ ngaku Pistorius. (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 20

ICANDELO B: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 2

Funda ezi ziqwengana zilandelayo ukuze uphendule imibuzo ebuziweyo:



- 2.1 Kwisangqa soku-1 nesesi-2 kukho izikhuzo. Nika ezo zikhuzo zibini. (2)
- 2.2 Kwisangqa sesi-2 kukho amagama athi, kuxhelwe exhukwana. Ingaba athetha ukuthini? (1)
- 2.3 Kwisangqa sesi- 3 kukho isimelabizo, sinike ukuze usichaze uhlobo lwaso? (2)
- 2.4 Kwisangqa soku-1 kukho igama 'IZIHLOBO' ingaba lisisigaba sini sentetho? (1)
- 2.5 Nika isichasi segama IBUBU elifumaneka kwisangqa sesi-3. (1)
- 2.6 Sithini isithethantonye segama KUBATYELELI elifumaneka kwisangqa se-4? (1)
- 2.7 Lungisa iziphene kwesisivakalisi silandelayo uze usibhale ngendlela eyiyo. mhh! Ivumba elinje zange ndalive. (2)

[10]

UMBUZO 3

Bhala lo mhlathana ngendlela efanelekileyo ulandela imigaqo eyamkelekileyo yobhalo.

Kwathi xa bephuma ekomani imoto ibhadulela ukuya ngakoobhofolo gqi gqi imoto ekwamhlophe yona iye yakwaford kude kufuphi nale yabo mfo uthile urhole igqudu elibala liluhlaza walibeka ngaphezu kwemoto yhu yhu yhu yasitsho isikhalo imoto imisa phambi kwale bakhwele kuyo ozuziwe noko nangoko wabanjwa lo mfo waya kuvalelwa waba uyasinda uzuziwe kweso sigebenga (10/5) (5)

UMBUZO 4

4.1 Nika isinciphiso segama elingezantsi:

UMFO (1)

4.2 Nika isichasi seligama lilandelayo wakugqiba uchaze udidi lwaso.

LUHLAZA (2)

4.3 Khetha isihlomelo esifumanekayo kwesisivakalisi silandelayo.

Umama uye eKomani izolo. (1)

4.4 Nika isininzi sesibizo, 'Imoto' (1)

4.5 Sebenzisa esi sihlanganisi xa kwisivakalisi oziyilele sona. (2)

4.6 Gqibezela le ntetho ilandelayo. Sithi _____

4.6.1 Ibhadula ngorhatya lwe _____ (1)

4.6.2 Imhlophe _____ okwekhephu. (1)

4.7 Nika isichasi seligama lizingantsi.

Ngaphezulu (1)

[10]

UMBUZO 5

Ngqamanisa/Tshatisa impendulo kumbuzo ngamnye ubhale unobumba ecaleni kwenombolo: Umzekelo 5.6 F

A		B	
5.1	Kufuphi	A	Isikrelemnqa
5.2	Isikhalo	B	Isivumelanisi sentloko
5.3	Abantu bakhwele imoto	C	Isimelabizo sokwalatha
5.4	Lo	D	Isibizo
5.5	Isigebenga	E	Isiphawuli

(5 x 1) **[5]**

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMPENDULO KUNCWADI**UMBUZO 6: UMBONGO**

Fundisisa lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo ebuziweyo.

UNOMARIKE

Yeha hayibo, nal'ithamsanqa.
Nantsi imbhishimbhishi, nas'isidudla.
Ngunomarike, ngunomzamo amagama akhe.
Yintsika ukomelela, yindlovu amandla akhe.

Iimini zonk' uzigqibel' edolophini.
Iintseni zonk'uvuk'aye emarikeneni.
Ngonyez' uvumbuluk' asingise khona.

Sii! Bafazi kuf' ayayo, bhinqelani phezulu.

Amaqhwa, ilanga, imvula uyazazi.
Imimoya iyambhudla akapheli mandla.
Uzele oonesi, iititshala namagqwetha,
Uzithengile izidanga kodwa zange azinxibe.

Imigalelo, isitokfela, iifandesi uyazazi.
Waphel'unyaka wambesw'umntu.
Cwaka, zole, tu, iyaphel'indlala.
Shwaka ilishwa, gqi ithamsanqa.
Vuka uzenzele vilandini

[Uthatyathwe kwincwadi kuNcuthu LwesiXhosa]

Phendula le mibuzo ilandelayo ugxile kumbongo owunikiweyo.

- | | | |
|-----|--|-----|
| 6.1 | Tyumba amagama azizithethantonye kwisitanza soku-1. | (2) |
| 6.2 | Kutheni kusithiwa unomarike ngunomzamo? | (1) |
| 6.3 | Yintoni intsika ngokombongo? | (1) |
| 6.4 | Ngowuphi umfanekiso –ntelekelelo uvezwa kwisitanza soku-1 kumqolo wesi-2? | (1) |
| 6.5 | Indlovu ibaluleke ngantoni? | (1) |
| 6.6 | Kuthengiswa ntoni emarikeneni? Nika ibenye. | (1) |
| 6.7 | Ziphuhlisa ntoni izifanekisozwi ezisetyenzisiweyo kwisitanza sokugqibela kumqolo wesi-4? | (1) |
| 6.8 | Ithini imfundiso oyifumene kulo mbongo? | (2) |

AMANQAKU ECANDELO C: 10
AMANQAKU EWONKE: 60